basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## NOVEMBA 2021

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakumakisha sinamaphepha ali-14.**

Esi sikhokelo sokumakisha masisetyenziswe kunye neerubrikhi ezisukela kwiphepha le-15 ukuya kwele-17 le sisikhokelo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### Imiyalelo yokumakisha

Kulindeleke ukuba umviwa abhale ngesihloko esinye kuphela.

- Imixholo ekhankanyiweyo isisikhokelo sendlela ezinokutolikwa ngayo izihloko ngabaviwa. Imixholo abanokubhala phantsi kwayo kwisincoko ngasinye ihambelana nombuzwana ngamnye.
  Umviwa otolike ngendlela engabhalwanga apha ehambelanayo nesihloko makanikwe amanqaku akhe azeleyo.
- Isincoko masibe namagama ali-150-180 ubude. (Umxholo kuphela).
  Mawangabalwa amagama esihloko xa kubalwa amagama.
- Makangohlwaywa umviwa obhale isincoko esilolunye udidi ngaphandle kwesibalisayo/ esichazayo.
- Sebenzisa irubrikhi yeCandelo A enamanqaku angama-40 ukumakisha izincoko.

Le fomathi yezincoko sisikhokelo kuphela, abaviwa bakushiyiselana ngokwamaqondo abo abafikelela kuwo.

| Isincoko | Isakhiwo setekisi | Iimpawu zolwimi |
|---|---|---|
| Esibalisayo | Sinentshayelelo.<br>Isiqu.<br>Isiphelo. | Singabhalwa kumntu wokuqala okanye wesithathu.<br>Sisebenzisa ixesha elidlulileyo/eladlulayo/elangoku.<br>Iziganeko zichazwa ngokulandelelana kwazo.<br>Izidibanisi ezibonisa ixesha/ukulandelelana kweziganeko zingasetyenziswa.<br>Abalinganiswa bangenziwa bazithethele.<br>Kusetyenziswa ulwimi oludala ifuthe njengezihlomelo, izichazi, izifanekisozwi, imifanekiso-ntelekelelo. |
| Esichazayo | Sinentshayelelo.<br>Isiqu.<br>Isiphelo.<br>Sinika isikhokelo gabalala ngesihloko.<br>Singachaza iimpawu zoko kubhalwa ngako. | Singabhalwa kwixesha elidlulileyo okanye elangoku.<br>Sisebenzisa amagama okudala imifanekiso-ngqondweni.<br>Sisebenzisa izichazi, izihlomelo.<br>Sisebenzisa imifanekiso ntelekelelo, izafobe, umzekelo, isifaniso, isihlonipho, isimntwiso, imfanozandi. |

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

1.1 Mhla ndashiywa yibhasi.

Isincoko esichazayo/esibalisayo.

Mayibe libali elinye/Inkcaza yemini/evuyisayo/ebuhlungu kakhulu.

Kulindeleke ukuba umviwa achaze/abalise ngoku kulandelayo:

- Indawo awayekuyo nawayesiya kuyo.
- Iinkumbulo zaloo mini/ ezivuselela unxunguphalo.
- Isiganeko/ isehlo saloo mini.
- Okwakubuhlungu/ okungaqhelekanga/okungalibalekiyo okwehla ngaloo mini.
- Iinzame zokufikelela kwindawo ebesiya kuyo/ukuncama/iziphumo zokushiywa.
- Isigqibo asithathayo/Isifundo asifundileyo.

(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga neenkumbulo zaloo mini). **[40]**

1.2 Ukhuphiswano lwee-*IDOLS* eMzantsi Afrika.

Isincoko esichazayo/esibalisayo.

Mayibe libali lokhuphiswano lwee-*IDOLS*/Inkcaza ngolu khuphiswano.

Kulindeleke ukuba umviwa achaze/abalise ngoku kulandelayo:

- Baveza iimbono zabo ngokhuphiswano.
- Abathathi nxaxheba.
- Amalungiselelo okhuphiswano.
- Amanqanaba olu khuphiswano.
- Ukubaluleka kolu khuphiswano.
- Iziphumo zokhuphiswano/amaqithiqithi afunyanwayo.
- Isiganeko esenzekayo kolu khuphiswano.

(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nokhuphiswano lwee-*IDOLS*). **[40]**

1.3 Loo mini ndancedwa kukulazi ilungelo lam.

Isincoko esichazayo/esibalisayo.

Mayibe libali elinye/inkcaza ngokwenzekayo.

Kulindeleke ukuba umviwa achaze/abalise ngoku kulandelayo:

- Indidi zamalungelo.
- Isiganeko esenzekayo.
- Ilungelo elamncedayo.
- Achaphazele ukubaluleka kweli lungelo.
- Amalungelo kunye noxanduva.

(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nelo lungelo.) **[40]**

1.4 Utyelelo emyuziyam.

Isincoko esichazayo/esibalisayo.

Mayibe libali elinye/inkcaza ngokwenzekayo.

Kulindeleke ukuba umviwa achaze/abalise ngoku kulandelayo:

- Imyuziyam ayityeleleyo/ingingqi ekuyo.
- Ubume bayo.
- Indlela abamkelwe ngayo ngabaphathi bale ndawo.
- Izinto azibonileyo nazithandileyo kolu tyelelo kule Myuziyam.
- Eyona nto imtsale umdla angasoze ayilibale ngale ndawo.
- Izinto ezahlukileyo azibonileyo.
- Imfundiso ayifumeneyo ngolu tyelelo.

(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nale myuziyam.) **[40]**

1.5 1.5.1 Umfanekiso.

Isincoko esichazayo/esibalisayo.

Kulindeleke ukuba umviwa achaze/abalise ngoku kulandelayo:

Awunike isihloko esifanelekileyo umfanekiso.
- Awutolike ngokohlobo awubona ngalo umfanekiso.
- Utoliko luhambelane nokusemfanekisweni.
- Angasebenzisa naliphi ixesha ukuba ukhethe ukubalisa.

Kulindeleke ukuba umviwa achaze/abalise ngoku kulandelayo:

- Ukubaluleka kokuzilolonga.
- Amaziko okulolonga umzimba.
- Ingqondo ephilileyo kumzimba ophilileyo.
- Ibali lemini awayeye kuzilolonga/ukonzakala/ukusinda ngenxa yokuzilolonga/okwehla kwindawo yokuzilolonga.
- Ifuthe letekhnoloji kwizixhobo zokuzilolonga.

(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nokuzilolonga.) **[40]**

1.5.2 Umfanekiso.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba umviwa;

- Awunike isihloko esifanelekileyo umfanekiso.
- Awutolike ngokohlobo awubona ngalo umfanekiso.
- Utoliko luhambelane nokusemfanekisweni.
- Angasebenzisa naliphi ixesha ukuba ukhethe ukubalisa.

Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo.

- Iindidi /iintlobo zokubhulisha/ zomkhuba wokuntlonta abanye.
- Imvakalelo zokoyika nokungazithembi ezibangwa ngulo mkhuba.
- Utshintsho kwisimo sengqondo salowo ubhulishwayo.
- Unobangela wokwenziwa kwalo mkhuba wokubhulisha
- Iziphumo ezibi zokwenza lo mkhuba kwabanye nefemeli yakhe.
- Achaphazele isilumkiso malunga nalo mba.

(Umviwa angawutolika ngendlela awubona ngayo umfanekiso engeyiyo le isikhokelo siwubona ngayo kodwa ke loo mbono mayibe kumxholo womfanekiso). **[40]**

1.5.3 Umfanekiso.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba umviwa;

- Awunike isihloko esifanelekileyo umfanekiso.
- Awutolike ngokohlobo awubona ngalo umfanekiso.
- Utoliko luhambelane nokusemfanekisweni.
- Angasebenzisa naliphi ixesha ukuba ukhethe ukubalisa.

Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:

- Ubunkokheli.
- Ukwaziwa kukaRamaphosa kumhlaba wonke.
- Iqela lezopolitiko alikhokeleyo.
- Inkululeko yomntu wonke engakhethe bala.
- Ubuqhawe bakhe nezinto azenzele uMzantsi Afrika.
- Achaphazele izinto ezenziwa ngamaqela ezopolitiko.
- Ukukhulisa ubunye kwisizwe / ichaphazela inkcubeko yelizwe.
- Igalelo lakhe kwilizwe.
- Amagorha enkululeko.

(Umviwa angabandakanya nezinye izinto azenzileyo ukukhulisa uMzantsi Afrika). **[40]**

1.5.4 Umfanekiso.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba umviwa;

- Awunike isihloko esifanelekileyo umfanekiso.
- Awutolike ngokohlobo awubona ngawo umfanekiso.
- Utoliko luhambelane nokusemfanekisweni.
- Angasebenzisa naliphi ixesha ukuba ukhethe ukubalisa

Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:

- Anike izimvo gabalala ngomfanekiso.
- Ubuhle bendalo.
- Ubungozi bendalo.
- Umtsalane kubakhenkethi.
- Angakhankanya neentaba.
- Ukuhlaziyeka kwengqondo/umoya wentaba.
- Ukulondolozwa kwendalo.
- Ubungozi bendalo.

(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nentaba nendalo). **[40]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### Imiyalelo yokumakisha

- Kulindeleke ukuba umviwa abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Imixholo ekhankanyiweyo isisikhokelo sendlela ezinokutolikwa ngayo izihloko ngabaviwa.
  Umviwa otolike ngendlela engabhalwanga apha ehambelanayo nesihloko makanikwe amanqaku akhe azeleyo.
- Umhlathi omde mawube namagama angama-60–80 ubude. (Umxholo kuphela).
- Sebenzisa irubrikhi yeCandelo B enamanqaku angama-20 ukumakisha eli candelo.

**QAPHELA:**
- Zininzi iifomathi ezisemthethweni ezisetyenziswayo malunga nomhlathi ngamnye, ngoko ke abaviwa bangadlelelelwa ngenxa yefomathi ekungavisiswana ngayo.
- Makuzanywe ukuba wonke ubani azazi ezi fomathi.

### UMBUZO 2

2.1 **INGXELO**

Bhala ingxelo yengentlanganiso yolutsha malunga nendlela yokuziphatha kolutsha lwendawo ohlala kuyo.

| **UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI**<br><br>**12 AMANQAKU** | **ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA**<br>**8 AMANQAKU** |
|---|---|
| <u>Ifomathi</u><br>• Inesihloko, isiqu nesiphelo.<br>• Iindlela zokuziphatha.<br>• Inkcazelo yemiba yengxelo ngokulandelelana kwayo.<br><u>Umxholo</u><br>• Unika iinkcukacha malunga nezigqibo enizithathileyo kule ntlanganiso.<br>• Mayiquke indawo neenjongo zentlanganiso.<br>• Ibhalwa kwixesha elidlulileyo.<br>• Kuvakaliswa imiba nezigqibo ezithathiweyo. | • Ibhalwa kwixesha elidlulileyo.<br>• Igxininisa kubathathi nxaxheba.<br>• Kusetyenziswa isigama esihambelana nomxholo ekubhalwa ngawo ingxelo.<br>• Kusetyenziswa izivakalisi ezipheleleyo.<br>• Isukela kokuqhelekileyo gabalala ukuya kokungqalileyo. |

**[20]**

2.2 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela utata wakho ileta umbulele ngegalelo lakhe lokukufundisa ukupheka.

| **UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI**<br><br>**12 AMANQAKU** | **ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA**<br><br>**8 AMANQAKU** |
|---|---|
| <u>Ifomathi</u><br>• Iidilesi inye yeyombhali.<br>• Kubhalwa umhla.<br>• Inesibuliso.<br>• Isakhiwo somyalezo sihambelana neleta.<br>• Inesiphelo emva kwesiqu.<br><u>Umxholo</u><br>• Makayibhalele utata wakhe.<br>• Amagama angama-60-80 kuphela.<br>• Imfutshane, iyaqupha ihleli emxholweni.<br>• Isakhiwo somyalezo masibe nemihlathi, umzekelo: Makabonise indlela ambulela ngayo utata wakhe.<br>• Makagxile ekubuleleni. | Makusetyenziswe ithoni nerejista ebonisa ukuba le leta yengekho sesikweni ngokwesimbo.<br>Umzekelo: Tata endimthandayo.<br><br>Iimpawu zolwimi ziyahluka ngokwenjongo yomyalezo.<br><br>Makusetyenziswe isigama sokubulela. |

**[20]**

2.3 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kuSomashishini okwidolophu ohlala kuyo ucela umsebenzi wethutyana.

| **UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI**<br><br>**12 AMANQAKU** | **ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA**<br><br>**8 AMANQAKU** |
|---|---|
| <u>Ifomathi</u><br>• Iidilesi zimbini, yeyomviwa nekaSomashishini okwidolophu yakhe.<br>• Kubhalwa umhla.<br>• Inesibuliso esisesikweni.<br>• Inesihloko esandlala injongo yesicelo/umcimbi engawo.<br>• Inesiphelo emva kwesiqu.<br>• Inentsayino-gama kunye negama elizeleyo lomntu obhalayo.<br><u>Umxholo</u><br>• Mayibhalelwe uSomashishini.<br>• Amagama angama-60-80.<br>• Imfutshane, iyaqupha ihleli emxholweni.<br>• Igxila kucelo msebenzi.<br>• Isakhiwo somyalezo makagxile ekuceleni umsebenzi, sibe nemihlathi, umzekelo: Makanike izakhono anazo ngomsebenzi. | Makusetyenziswe ithoni nerejista ebonisa ukuba le leta isesikweni ngokwesimbo.<br><br>Sebenzisa imigaqo yolwimi olundilisekileyo/ olusesikweni. Umzekelo: Mhlekazi, ozithobileyo.<br><br>Mayicace gca ibe MFUTSHANE kwaye ithi ngqo.<br>Makusetyenziswe isigama esihambelana nombuzo. |

**[20]**

2.4 **IRIVYU**

Bhala Irivyu yencwadi oyifundileyo.

| **UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI**<br><br>**12 AMANQAKU** | **ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA**<br><br>**8 AMANQAKU** |
|---|---|
| <u>Ifomathi</u><br>• Inesihloko.<br>• Umbhali nopapasho.<br>• Abalinganiswa.<br>• Umongo nomxholo.<br><u>Umxholo</u><br>• Unika iinkcukacha malunga nombhali.<br>• Inkcazo ngemiba yencwadi kunye nabalinganiswa, izehlo ezibalulekileyo neempawu eziyenza ifaneleke incwadi.<br>• Ukuphononononga incwadi leyo ngokuvelisa uluvo lwakhe okanye isigqibo sakhe malunga nale ncwadi.<br>• Umyalezo wale ncwadi.<br>• Inkcazo malunga nakuthandileyo okanye angakuthandanga ngale ncwadi.<br><br>• **Amagama angama-60 – 80.** | Ibhalwa kwixesha langoku/ elidlulileyo.<br>Kusetyenziswa isigama esincomayo okanye esigxekayo, esibonisa ubuncwane betekisi xa iphononongwa.<br>Ulwimi lokuchaza. |

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### Imiyalelo yokumakisha

- Kulindeleke ukuba umviwa abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Umhlathi omfutshane mawube namagama angama-40–60 ubude. (Umxholo kuphela).
- Imifanekiso nemibala esetyenzisiweyo ayinamanqaku.
- Sebenzisa irubriki enamanqaku angama-20 ukumakisha eli candelo.

**QAPHELA:**

- Zininzi iifomathi ezisemthethweni ezisetyenziswayo malunga nomhlathi ngamnye, ngoko ke abaviwa bangadlelelelwa ngenxa yefomathi ekungavisiswana ngayo.

- Makuzanywe ukuba wonke ubani azazi ezi fomathi.

**UMBUZO 3**

3.1 **IFLAYA**

Bhala iflaya usazisa abafundi ngepikinikhi eniza kubanayo esikolweni senu.

| **UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI**<br><br>**12 AMANQAKU** | **ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA**<br><br>**8 AMANQAKU** |
|---|---|
| <u>Ifomathi</u><br>• Inokuba ziimo ezahlukileyo.<br>• Isebenzisa izilogani neelogo.<br>• Inemilo ebonakalayo yobhalo.<br>• Umfundi makasebenzise ubungcaphephe bokwenza iflaya etsala iliso.<br>• Iifonti ezahlukileyo.<br><u>Umxholo</u><br>• Injongo kukwazisa ngepikinikhi.<br>• Ineenkcukacha malunga nepikinikhi.<br>• Umhla wepikiniki.<br>• Ixesha nendawo eza kuba kuyo ipikinikhi.<br>• Iinkcukacha ezizeleyo zepikinikhi. | Ayikho sesikweni ngokwesimbo.<br>Mayicace gca IMFUTSHANE kwaye ithe ngqo.<br>Sebenzisa amabinzana ngokusemgaqweni.<br><br>Ulwimi olutsala ingqondo nomdla wabantu. |

**[20]**

3.2 **IPOSIKHADI**

Bhalela udade wenu iposikhadi umxelela ngeendaba ezimnandi zokudibana kwakho nomntu odumileyo kwezomculo.

| **UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI**<br><br>**12 AMANQAKU** | **ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA**<br><br>**8 AMANQAKU** |
|---|---|
| <u>Ifomathi</u><br>• Idilesi nomhla.<br>• Isibuliso.<br>• Intshayelelo.<br>• Umongo.<br>• Isiphelo.<br><u>Umxholo</u><br>• Iindaba ezimnandi zokudibana nomntu odumileyo kwezomculo.<br>• Igama lemvumi leyo.<br>• Udidi lomculo awuculayo.<br><br>Umviwa angabandakanya nantoni na kwiposikhadi eya kudadewabo malunga nomntu odumileyo kwezomculo. | Ayikho sesikweni ngokwesimo.<br>Mayicace gca IMFUTSHANE kwaye ithe ngqo.<br>Sebenzisa amabinzana ngokusemgaqweni.<br>Ulwimi oluchazayo noluzoba imifanekiso-ngqondweni. |

**[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Usisi wakho uya esibhedlele. Indlela akayazi.

Mbhalele izalathisi zokuya khona ulandela izikhombisi.

| **UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI**<br><br>**12 AMANQAKU** | **ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA**<br><br>**8 AMANQAKU** |
|---|---|
| <u>Ifomathi</u><br>• Mayibhalwe ngokwamanqaku.<br>• Amanyathelo alandelelaniswe kakuhle.<br><u>Umxholo</u><br>• Mayifezekise injongo yokufikelela esibhedlele.<br>• Zibhalelwe usisi wakho.<br>• Mazibe yingcaciso elandelekayo.<br>• Ingcaciso ingaquka iinkcukacha ngempawu zomhlaba/zendlela, izakhiwo, icala lokujika, umgama oqikelelwayo phambi nasemva kokuba ujike, ingcombolo yolwazi malunga neendawo namagama ezitrato. | - Bhala kwisiyaleli.<br>- Sebenzisa izivalisi ezifutshane, ezicacileyo nezivakalayo.<br>-Makusetyenziswe imo evumayo. |

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha isincoko (Iphepha 2, ICANDELO A).
- Amanqaku phakathi kweli-0-40 ahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- AmaBINI okuqala kula manqanaba azizahlulo ngokomgangatho ongentla nongezantsi kwaza kwabekwa amanqaku ahambelana nale migangatho.

<table>
<tr><th>Ikhrayitheriya</th><th></th><th>Balaseleyo</th><th>Enobuchule</th><th>Phakathi</th><th>Buthathaka</th><th>Bubhetyebhetye</th></tr>
<tr><td rowspan="4">UMXHOLO NOCWANGCISO<br><br>(Impendulo nezimvo)<br>Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa<br>Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br><br>24 AMANQAKU</td><td rowspan="2">Umgangatho ongentla</td><td>22–24</td><td>18</td><td>12–16</td><td>7–11</td><td>0–6</td></tr>
<tr><td>-Impendulo ebalaseleyo enomtsalane,ngaphaya kobekulindelekile<br>-Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko<br>-Isincoko sibekelelwe ngobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayelelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko</td><td>-Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu<br>-Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umdla,bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo<br>-Iingcamango zibekelelwe ngokwakhelanayo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo</td><td rowspan="3">-Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo<br>-Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguqula ukucinga kofundayo<br>-Iingcamango zibekelelwe ngokunamatheleneyo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo</td><td rowspan="3">-Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo<br>-Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko<br>-Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamathelwano lweengcamango</td><td rowspan="3">-Impendulo ayikho mxholweni konke konke<br>-Izimvo zibondene azigqalanga ntweni<br>-Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye<br>-Iingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelelwano</td></tr>
<tr><td rowspan="2">Umgangatho ongezantsi</td><td>19–21</td><td>17</td></tr>
<tr><td>-Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasela kubhekele phi kwisincoko<br>-Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga<br>-Iingcamango zibekelelwe zandindaniswa ngobugcisa kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo</td><td>-Impendulo ixonxwe ngobugcisa<br>-Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umdla<br>-Sibekelelwe ngobuchule, kukho ukunamathelana kweengcamango okuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo</td></tr>
</table>

## IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [40 AMANQAKU] (isaqhutywa)

| Ikhrayitheriya | | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **ULWIMI, ISIMBO & NOKUHLELA**<br><br>Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kunye nemeko Ukhetho-magama Ukusetyenziswa kolwimi nesigama Iimpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopelo<br><br>**12 AMANQAKU** | | **10–12**<br>-Ulwimi lugqwesile nezafobe zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo<br>-Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nesokusetyenziswa kolwimi<br>-Sixonxwe ngobugcisa obukhulu | **8–9**<br>-Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala<br>-Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala<br>-Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kunye nopelo<br>-Sixonxwe ngobugcisa | **6–7**<br>-Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa kunamakhwiniba angephi<br>-Ithoni ifanelekile kodwa ubambe isandla ekusebenziseni izafobe zentetho | **4–5**<br>-Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye<br>-Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintshwa-tshintshwa<br>-Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo | **0–3**<br>-Ulwimi aluvakali<br>-Ukunqongophala kwesigama kubaxekile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliweyo |
| **ISAKHIWO**<br><br>Iimpawu zetekisi Ukukhula kwemihlathi nokwakhiwa kwezivakalisi<br><br>**4 AMANQAKU** | | **4**<br>-Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo<br>-Iinkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqiqsiswa ngokugqwesileyo | **3**<br>-Iinkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelana<br>-Izimvo zinamathelene<br>-Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo | **2**<br>-Iinkcukacha ezisemxholweni zikhulisiwe<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle<br>-Isincoko sibunjwe ngengqiqo | **1**<br>-Zikho iingcamango ezamkelekileyo<br>-Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba<br>-Isincoko sisenayo ingqiqo | **0**<br>-Iingcamango ezifunekayo zinqongophele<br>-Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko<br>-Isincoko asinangqiqo |
| **UMMANDLA WAMANQAKU** | | **33–40** | **28–30** | **20–25** | **12–17** | **0–9** |

**IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE NEMIFUTSHANE – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]**

| Ikhrayitheriya | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO , UCWANGCISO NEFOMATHI** | **10–12** | **8–9** | **6–7** | **4–5** | **0–3** |
| Ukungqala kwempendulo nezimvo<br>Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa<br>Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kunye nemeko<br><br>**12 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo<br>-Izimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe<br>-Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Umsebenzi ungqalile akukho kugqwidiza<br>-Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo<br>-Iingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile | -Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Ingqalile ayiphumi nasemxholweni<br>-Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo<br>-Iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala | -Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza<br>-Ukunamathelana kumxholo nezimvo. Kwenzeka ngokufanelekileyo<br>-Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga | -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni<br>-Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo<br>-Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko<br>-Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi | -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Intsingiselo ilahleka rhoqo kukho Intsingiselo iduke kwisakhiwo esixazalala<br>-Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo<br>-Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko<br>-Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe |
| **ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA** | **7–8** | **5–6** | **4** | **3** | **0–2** |
| Ithoni, irejista, isimbo, injongo/ifuthe, abo kujoliswe kubo kunye nemeko<br>Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo<br>Uchongo magama<br>Iimpawu zokubhala kunye nopelo<br><br>**8 AMANQAKU** | -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo<br>-Phantse kube akukho nasinye isiphene | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle<br>-Isigama sichanekile<br>-Ubukhulu becala azikho iimpazamo | -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso<br>-Isigama siyanelisa<br>-Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo<br>-Sinqongophele isigama<br>-Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo<br>-Izele ziimpazamo ixazalala iyadida<br>-Isigama asihambelani nenjongo<br>-Intsingiselo ilahlekile kakhulu |
| **UMMANDLA WAMANQAKU** | **17–20** | **13–15** | **10–11** | **7–8** | **0–5** |